Ngenye intsasa entle uYola wavuka enemincili.

Wayeza kubuyela esikolweni!






Bekukho intsholongwane kwaye izikolo bezivaliwe.

UYola ebebakhumbula abahlobo bakhe.

“Yola, ithini imithetho emithathu yokukukhusela kwintsholongwane?” wabuza uMama.





1. Hlamba izandla zakho imizuzwana engama-20, okanye uziqabe isanithayiza.
2. Nxiba isifonyo, ungasikhululi.
3. Ungasondeli komnye umntu.

“Lula, lula, njalo nje,” watsho uYola.



Esikolweni utitshala wathatha iqondo lobushushu likaYola.

Emva koko waqaba izandla zikaYola ngesanithayiza.

Wabaleka waya eklasini uYola.

Bavuya kakhulu abahlobo bakhe bakumbona.



Utitshalakazi Dlanga wayalela abantwana ukuba bahlale ngokwesangqa bamamele ibali.

Ibali lanamhlanje lalisithi Isithsaba Esithembekileyo.





"Kudaladala kwakukho ikumkani," waqala njalo utitshalakazi Dlanga.



"Ngamanye amaxesha ikumkani yayixakwa kukuba yenze ntoni xa kuvele ingxaki.

Yayisuka yoyike.

Xa kunjalo ikumkanikazi yayimnika isithsaba esithembekileyo. Esi yayisisithsaba esikhethekileyo awayesiphiwe ngutata wakhe."

“Xa ukumkani ethwele isithsaba, wayezibuza imibuzo emibini: ‘Yintoni endinokuyenza? Ngubani onokundinceda?’

Isithsaba sasimkhumbuza ukuba akayedwa.”





Ekupheleni kwebali utitshalakazi Dlanga wanika umntwana ngamnye isithsaba sakhe esithembekileyo.

Wabaxelela abantwana ukuba kulungile ukuba lusizi okanye ukoyika. Wathi xa beziva njalo kufuneka bathwale isithsaba esithembekileyo.



Ngexesha lekhefu, uAsana wachitha isiselo sakhe.

Waziva elusizi kakhulu.

UYola wamxelela ukuba kulungile ukuba lusizi.



Wamkhumbuza ngesithsaba esithembekileyo.

Yintoni awayenokuyeza uAsana? Ngubani owayenokumnceda?

Wayenokuya empompeni asele amanzi!

UYola wayenokumnceda.

Tyhini! Isithsaba esithembekileyo samnceda!

Ukuphuma kwesikolo umama kaYola wayelinde esangweni.






Bangena eteksini balinda. Umama kaYola wayengonwabanga, engenamonde.

Kwakusafuneka afike ekhaya apheke.

UYola wakhupha isithsaba sakhe esithembekileyo, wasithwalisa umama wakhe.

“Mama, yintoni onokuyenza? Ngubani ongakunceda?” wabuza.

"Ulapha ngoku Ntombi yam. Masidlale amakhasi ngoku sisalindile," Watsho uMama.

"Kwakuhle oko!" watsho uYola.

Badlala amakhasi apho eteksini bade baya kufika ekhaya.





Wakugqiba ukufunda ibali, phendula le mibuzo ilandelayo:

1. Ithini imithetho emithathu yokusikhusela kwintsholongwane?
2. Wayebeka ntoni entloko ukumkani xa edidekile?
3. Yeyiphi imibuzo emibini omele ukuzibuza yona xa udidekile?
4. Zoba isithsaba esithembekileyo sakho ephepheni. **Thwala isithsaba sakho qho xa usoyika, kwaye khumbula ukuba kuza kulunga yaye awuwedwanga.**
5. Zoba ubuso obuhambelana nezi mvakalelo:

Wonwabile

Akanamonde

Ulusizi

Udidekile

Unemincili

Bhala isivakalisi ngamagama anikwe kolu luhlu lungezantsi:

| | | |
|---|---|---|
| **esikolweni** | **ahlambe** | **ezandleni** |
| **eklasini** | **kumkani** | **sithsaba** |
| **ibali** | **isiselo** | **badlala** |

UYola waya _______.

Umama wakhe wamyalela ukuba _______ okanye afake isanithayiza _______.

Abahlobo bakhe babehleli _______.

Utitshalakazi Dlanga wababalisela _______ malunga ne _______ eyayine _______ esithembekileyo.

UAsana wachitha _______ sakhe.

UMama noYola _______ amakhasi eteksini.



UYola nesithsaba esithembekileyo

Published by Coronation Fund Managers
7th Floor, MontClare Place, Cnr Campground & Main Road,
Claremont, Cape Town, South Africa

Print ISBN 978-0-620-95964-3

First edition 2021

Copyright © 2021 Coronation Fund Managers

All rights reserved.

No part of this publication may be reproduced, stored in a retrieval system, or transmitted, in any form or by any means, without the prior written permission of the author.

Written by Siphokazi Madlingozi (siphomadlingozi@gmail.com)

Translated by Hlumela Sondlo

Illustrated by Thabiso Gcwensa (thabisodbninfo@gmail.com)

Layout by Andrea Willmore (andrea@willmorestudios.com)

Printed by Onyx Press, Cape Town

UYola yintombazana eneminyaka esi-8, ethanda ukuya esikolweni idlale nabahlobo bayo. Mva nje izikolo ziye zavalwa ngenxa yentsholongwane iCorona.

Ifikile imini yokuba abuyele esikolweni uYola. Esikolweni utitshalakazi Dlanga ubabalisela ibali elithi Isithsaba Esithembekileyo.

Xa uthwele esi sithsaba uyakwazi ukubona into onokuyenza, kwaye uyakhunjuzwa ukuba unaye umncedi.



ISBN 978-0-620-95964-3

CORONATION
TRUST IS EARNED™